Isifundo 2

**Apreli 1–7*

Ilifa Elingenakonakala

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
1 Pet. 1:1, 2; Yohane 3:16; Hez. 33:11; 1 Pet. 1:3–21; Lev. 11:44, 45; 1 Pet. 1:22–25.

Indima Yenkumbulo:
“Niyenze nyulu nje imiphefumlo yenu ngokuyilulamela inyaniso ngoMoya, kuse ekuthandeni abazalwana okungenaluhanahaniso, thandanani ngenyameko, ngokwasentliziyweni ehlambulukileyo” (1 Petros 1:22).

Lonke ixesha ubani efunda iBhayibhile, ngakumbi eqwalasela incwadi enye okanye indawo ethile yencwadi, kubakho imibuzo embalwa edinga ukuphendulwa, ukuba kunokwenzeka. Kuqala, kungaba kuhle ukwazi ukuba yayingobani abamelwe kukuyiva. Okwesibini, mhlawumbi nokona kubaluleke kakhulu, kungakuhle ukusazi esona sizathu kanye sokubhalwa kwayo. Wawuyintoni umba (ukuba wawukho) awayefuna ukuwulungisa umbhali (njengoPawulos kumaGalati ngokubhekiselele kwiimposiso zofundo ngoThixo ezazifundiswa ngosindiso nomthetho)? Njengoko sisazi, ubuninzi beTestamente eNtsha babhalwa buzincwadi okanye iileta, kwaye abantu baye babhale iileta ukugqithisa izigidimi ziye kwabo bazifumanayo. Ngamanye amazwi, xa sifunda uPetros, kungakuhle ukwazi, kangangoko sinako, imbhali yobukho beleta yakhe. Wayesithini, ngokuba kutheni? Kwaye ke, okona kubaluleke kakhulu: Sigidimi sini thina (ekuthe, phantsi kwempefumlelo, sabhalelwa nathi) esisifumanayo kuyo? Njengoko siza kuthi sibone kungekudala, kwakwiindima ezimbalwa zokuqala, uPetros unenyaniso eninzi ebalulekileyo ayityhila kuthi namhlanje, nangona sithe qelele ngeenkulungwane kwixesha awayebhala ngalo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 8.*

Apreli 2

Kwabazimbacu

Ukuba ubunokunikwa iphepha ekubhalwe kulo kwathiwa, “Mhlekazi othandekayo,” ubuya kuqonda ukuba ufunda ileta. Ukanti ke ubuya kuyithabatha ukuba yileta evela kumntu ongasondelanga kangako kuwe. Kanye njengokuba iileta zeli xesha zinendlela engumgangatho yokuziqala, kwakunjalo nakwezakudala. UPetros wokuqala uqala njengayo nayiphi ileta yakudala. Yazisa umbhali kunye nabo yayithunyelwa kubo.

Funda 1 Petros 1:1. Yintoni esinokuyifunda kule ndima inye enokusinceda ukuba siyinike indawana yokusebenza?

UPetros uziveza ngokucacileyo. Igama lakhe liligama lokuqala kule leta. Sekunjalo, ukhawuleza azichaze ukuba ungu “mpostile ka Yesu Kristu.” Ngoko ke, njengoko wayesoloko esenza uPawulos (Gal. 1:1, Rom. 1:1, Efese 1:1), uPetros ukhawuleza abonakalise “ukufaneleka” kwakhe ngokucinezela ngobizo lwakhe lwasezulwini. Wayengu“mpostile,” oko kukuthi, “umntu othunyiweyo,” kwaye Lowo umthumileyo yayiyiNkosi uYesu Kristu. UPetros uxela nesithili apho ileta yakhe yayibhekiswe khona: ePonto, eGalati, eKapadoki, e-Asiya naseBhitini. Zonke ezi zithili zaziyi “Asia Minor,” phantse zifana neTurkey kwimpuma yeBosfori. Ikho ingxoxo ngokuzama ukuqonda ukuba angaba uPetros wayebhalela kakhulu amakholwa amaYuda na okanye aweentlanga. Amagama awasebenzisayo uPetros ku-1 Petros 1:1 “abangabaphambukeli/iimbacu,” “abasasazekele [ukuthi saa],” (NRSV) angamagama awayebhekisa kumaYuda awayehlala ngaphandle kweliZwe eliNgcwele kwinkulungwane yokuqala. Amagama ukunyulwa nokungcwaliswa ku-1 Petros 1:2 afaneleke kumaYuda namaKristu ngokufanayo. Ukuchaza abo bangaphandle kolu luhlu njengee“Ntlanga” (1 Pet. 2:12, 4:3) kukwabonisa uphawu lwabo uPetros ababhalelayo. Abanye abachazi bathi xa bephendula, into ethethwa nguPetros ku-1 Petros 1:18 naku-4:3 ibiya kufaneleka kakhulu xa isiya kwiiNtlanga eziguqukele kubuKristu kunokuba iye kumaYuda. Ukudlula apho, ingaba uPetros wayenokuwabhalela amaYuda “ngeendlela eziyingozi awazizuza njengelifa kumanyange awo” (NRSV)? Okanye wayengathi kubafundi abangamaYuda “Kuba lisanele exesha elidluleyo lokuphila kwethu esasisenza ukuthanda kwentlanga—sasihamba nje eburheletyweni, ezinkanukweni, ekutshisweni yiwayini, ezindywaleni, emithayini, nasekukhonzeni izithixo, okungekhona esikweni” (1 Pet. 4:3)?

Ninyulwe

Funda 1 Petros 1:2. Yintoni enye esiyixelelwa koku ngabo uPetros wayebabhalela? Ubabiza ngokuthini?

Nokuba wayebhalela ngqo kumakholwa amaYuda okanye aweentlanga, uPetros wayeqiniseke ngento enye: "[ayenyulwe] ngokokwazi kwenxa engaphambili kukaThixo uYise" (1 Pet. 1:2). Apha, phofu, kufuneka ukuba umntu alumke. Oku akuthethi ukuba uThixo wanyulela ukusindisa abantu abathile kwangaphambili lo gama abanye beya kulahleka, nokuba kwathi kanti ngethamsanqa, abo uPetros wayebabhalela yayingabanye babo banyuliweyo okanye bakhethiweyo ukuba basindiswe, lo gama abanye benyulelwe ukuba balahlwe. Asiyiyo imfundiso yeBhayibhile leyo.

Funda 1 Timoti 2:4, 2 Petros 3:9, Yohane 3:16, Hezekile 33:11. Ezi ndima zisinceda njani ukuba uthetha ntoni uPetros xa ebabiza aba bantu ngokuthi "bangabanyulwa"?

IsiBhalo sikubeka kucace ukuba, yayilicebo likaThixo ukuba wonke umntu asindiswe, icebo elamiswa ngenxa yabo kwaphambi kokusekwa komhlaba: "njengokuba wathi, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wasinyulela kuye" (Efese 1:4). "Bonke" "[ba]nyulwe" ngale ndlela yokuba, injongo kaThixo kwasekuqaleni yayiyeyokuba wonke umntu asindiswe kungabikho namnye olahlekayo. Walunyulela ubomi obungunaphakade kwangaphambili lonke uluntu. Le nto ithetha ukuba, icebo losindiso lalanele kuye wonke umntu ukuba aqukwe kucamagushelo, nokuba kwakungekho noyedwa owayeya kulwamkela olo camagusho balunikwayo. Ukwazi kukaThixo kwangaphambili kukwazi nje ukuba baya kuzikhethela njani ngokubhekiselele elusindisweni. Olu lwazi lwangaphambili alubanyanzeli ukuba bakhethe njani, kanye njengokuba umama esazi ukuba umntwana wakhe uya kukhetha iilekese endaweni yeembotyi eziluhlaza kodwa engamnyanzeli ukuba akhethe ngolo hlobo.

Yingqiniseko enjani onokuyifumana kwinyaniso ekhuthazayo yokuba uThixo ukunyule ukuba usindiswe?

Lwesibini

Apreli 4

Imixholo Eyintloko

Funda 1 Petros 1:3–12. Sithini isigidimi esiyintloko sikaPetros kwezi ndima?

Kumbuliso wakhe kubafundi bakhe ku-1 Petros 1:1, 2, uPetros sele emkhankanyile uYise, uNyana noMoya (1 Pet. 1:2). Amalungu amathathu obuThixo kumxholo ka-1 Petros 1:3–12. UYise noNyana bangumxholo ka-Petros 1:3–9, aze uMoya Oyingcwele agqame ku- 1 Petros 1:10–12. Ngoku abhala ngoYise noNyana kunye nomsebenzi kaMoya Oyingcwele, uPetros uveza iingongoma eziliqela aza kuphinda abuyele kuzo.

AmaKristu, uyaqala uPetros (1 Pet. 1:3; bona naku-Yohane 3:7), azelwe ngokutsha. Ubomi bawo bonke buye baguqulwa kukuvuka kukaYesu nalilifa elilodwa elilindele amaKristu ezulwini (1 Pet. 1:3, 4). Apha, kwaye kwanje kwezinye iindawo kwiTestamente eNtsha, ukuvuka kukaYesu kusisitshixo sethemba lamaKristu.

Eli themba linika amaKaristu isizathu sokuvuya, nangona uninzi lwabo bafunda u-1 Petros baphatheka kakubi. Oku kuphatheka kakubi kuvavanya kucikide ukholo lwabo, njengoko umlilo uvavanya ucikide igolide. Nangona abafundi bakaPetros bengazange bambona uYesu ngexesa lokusebenza kwaKhe emhlabeni, bayamthanda baye bekholelwa kuYe. Isiphumo sokholo lwabo kuYe silusindiso “nelifa [lesithembiso] elingenakonakala, elingenakudyobheka, elingenakuguga, eniligcinelweyo emazulwini” (1 Pet. 1:4).

UPetros ukwabenza bazi ukuba abaprofeti bakudala babexele kwangaphambili “ngalo ubabalo olwamiselwa nina” (1 Pet. 1:10). Abaprofeti beTestamente eNdala “babuzisa, baphengulula kunene” (1 Pet. 1:10) ngosindiso abaluxhamlayo ngoku aba bantu, naphakathi kwezilingo.

U-1 Petros 1:4 uthi, kukho ilifa “eniligcinelweyo emazulwini.” Cinga ngale nto ngokubhekiselele kuwe ngqo; kukho indawo eqinisekileyo egcinelwe wena buqu ezulwini. Ngoko ke, umele ukusabela njani kwesi sithembiso simangalisayo?

Lwesithathu

Apreli 5

Ukuphila Ubomi Bosindiso

Funda 1 Petros 1:13–21. Ngokwale ndawo, yintoni emele ukukhuthaza indlela yokuziphatha komKristu?

Igama u-ngoko, eliqala u-1 Petros 1:13, libonisa ukuba oko uPetros aza kulandelisa ngako ukuthetha, kulandela kanye emva koko ebesanda kukuthetha. Njengoko sibonile kwisifundo sayizolo, uPetros ebesanda kuthetha ngobabalo lukaThixo kunye nethemba lamaKristu kuYesu Kristu (1 Pet. 1:3–12). Ngenxa yesiphumo solu babalo nethemba, uPetros ukhuthaza abafundi bakhe ukuba "[babhinqe] izinqe zengqondo yenu" (1 Pet. 1:13). Oko kukuthi, ukusabela kusindiso abanalo kuYesu, kufuneka bazilungise iingqondo zabo ukuze bakwazi ukuma baqine banyaniseke (1 Pet. 1:13).

Funda 1 Petros 1:13. Kuthetha ukuthini ukubeka ithemba lakho ngokupheleleyo kubabalo olutyhilwe kuYesu?

Ngaphandle kwamathandabuzo, uPetros ubaxelela ukuba ithemba labo likuYesu kuphela. Uphinda acinezele ukuba umgangatho othile wokuziphatha ulindelekile kumaKristu njengesiphumo sokusindiswa kwawo. Uphawula iinkuthazo ezintathu nezinkulu eziphembelela indlela yokuziphatha kwamaKristu: isimilo sikaThixo (1 Pet. 1:15, 16), umgwebo ozayo (1 Pet. 1:17), nexabiso lokuhlangulwa (1 Pet. 1:17–21). Into yokuqala eya kukhuthaza indlela yokuziphatha komKristu sisimilo sikaThixo. Esi similo singashwankathelwa ngale ndlela: uThixo ungcwele. UPetros ucaphula kuLevitikus 11:44, 45 xa athi, "Yibani ngcwele, ngokuba ndingcwele" (1 Pet. 1:16). Ngoko ke, abo balandela uYesu kufuneka nabo babe ngcwele (1 Pet. 1:15–17). Isikhuthazo sesibini sokuziphatha komKristu sifunyanwa ekuqondeni ukuba uThixo ongcwele, uya kugweba wonke umntu ngokungenamkhethe, ngokoko umntu ngamnye akwenzileyo (1 Pet. 1:17). Inkuthazo yesithathu iphuma kwinyaniso enkulu yokuba amaKristu ahlangulwe. Oku kuthetha ukuba athengwe ngexabiso, ixabiso elikhulu kakhulu: igazi elinexabiso likaKristu (1 Pet. 1:19). UPetros ubethelela ukuba ukufa kukaYesu kwakungeyiyo ingozi embalini kodwa kwakuyinto eyamiselwa kwaphambi kokusekwa kwehlabathi (1 Pet. 1:20).

Yintoni ekukhuthazayo wena ukuba ube ngumKristu? Ungaphendula uthini, ngokuba kutheni, ukuba ubani ebengakubuza athi, Kungani ukuba ube ngumKristu? Yiza neempendulo zakho eklasini ngeSabatha.

Thandani Isizalwana

UPetros uqhubela amaKristu ekubonakalaliseni ukuba, ekugqibeleni, ukuphila ubomi obungcwele nobunyanisekileyo kuya kuba njani.

Funda 1 Petros 1:22–25. Yingongoma ethini ebalulekileyo ayibekayo apha ngentsingiselo yokuba ngumKristu?

UPetros uqala kwindawo ethi, amaKristu enziwe nyulu "Niyenze nyulu . . ."), nokuba aphila ngokuthobela inyaniso (1 Pet. 1:22). Isenzi "yenza nyulu" okanye "hlambulula" sayame kakhulu kumagama ungcwele nobungcwele, abuya ahlangane noko akubhalileyo uPetros kwiindima ezimbalwa ngaphambili (1 Pet. 1:15). Ngokuzinikela kwawo kuYesu, nangokubhaptizwa kwawo(thelekisa 1 Pet. 3:21, 22, amaKristu azenze nyulu ngokuzimisa ecaleni kukaYesu, kwaye akwenza oku ngokuthobela inyaniso. Olu tshintsho ebomini bawo lunesiphumo semvelo ukuze ngoku azifumane enobudlelwane obusondeleyo nabanye abanembono efanayo yelizwe. Obu budlelwane busondelene kangangokuba uPetros usebenzisa ulwimi losapho ukuwachaza. AmaKristu kufuneka aqhutywe luthando lobuzalwana nodade. Igama lesiGrike elisetyenzisiweyo ku-1 Petros 1:22, xa ethetha "ngothando lobuzalwana," filadelfi, lithetha ukuthi "uthando lomzalwana/lukadade." Luthando iintsapho ezithandana ngalo. Aliqela amagama esiGrike aguqulwa ngokuthi "uthando": philia [filiya] (ubuhlobo), eros (uthando lwesincwaso), agape (uthando olunyulu olufuna ukwenzela omnye okulungileyo). Igama uPetros alisebenzisayo xa ebhala esithi, "thandanani ngenyameko," (1 Pet. 1:22) lihlangene no-agape—eliye lithethe uthando olunyulu olufuna ukwenzela abanye o kulungileyo. Kungoko, ngokuqinisekileyo esongeza isaci sokuthanda omnye "ngentliziyo ehlambulkileyo" (1 Pet. 1:22), intliziyo ekho ngoku"zalwa ngokutsha" (1 Pet. 1:23; bona naku-1 Pet. 1:3) ngeLizwi likaThixo elingenakonakala. Olu thando luvela kuphela kuThixo; asinto ethi intliziyo enomona, nezithandayo, ingahlaziywanga ibe nokulubonakalisa, nto leyo eyenza ukuba uPetros acinezele ekuhlanjululweni naseku"thobeleni inyaniso" (1 Pet. 1:22). Inyaniso asinto nje ekholelwayo; kufuneka iphilwe.

Singakufunda njani ukuthanda ngakumbi? Zinto zini ekufuneka sizikhethe ukuze sibonakalise uhlobo lothando oluphuma "kwintliziyo enyulu"?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Perfect Obedience Through Christ," pp. 374, 375 in *Selected Messages,* book 1. See also Ellen G. White, "Christ the Way of Life," pp. 365–368, and "Perfect Obedience Through Christ," pp. 373–376 in *Selected Messages*, book 1. Siyamangalisa indlela esityebe nesinzulu ngayo isahluko sokuqala sikaPetros, kunye nobukhulu bomhlaba esiwuthabathayo. UPetros uyiqala incwadi yakhe ngokucamngca ngesimilo sobuThixo, ebandakanya uYise, uNyana, noMoya Oyingcwele. UYise unike uMsindisi ngoNyana waKhe, uYesu Kristu, saza thina sanyulwa ngaYe ngokungcwaliswa nokuthobela. Sifika simthande uYesu, size kuYe sivuye ngovuyo olukhulu kuba, ngokufa nokuvuka kwaKhe, sinesithembiso "selifa elingenakonakala" ezulwini. Naphakathi kwezilingo, ngoko, sinako ukuvuya elusindisweni esilunikwa ngoKristu. "Iileta zakhe [uPetros] zaziyindlela yokuvuselela isibindi nokomeleza ukholo kwabo babenyamezele ukulingwa nokubandezelwa, nokuhlaziyela emisebenzini elungileyo abo bathi ngezihendo ezininzi basengozini yokulahlekwa kukubambelela kuThixo."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* iph. 517. Okwangoku, uMoya Oyingcwele wasebenza ngabaprofeti ukwandlala imihla uPetros nabo bamfundayo abaya kuphila ngayo. Isiphumo soko, amaKristu kufuneka aphile ubomi obungcwele, obuzaliswe kukuthobela inyaniso, kwintlalo ezaliswe luhlobo lothando oluphuma "kwintliziyo enyulu."

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, jongani iimpendulo zenu kumbuzo osekupheleni kwesifundo sangoLwesithathu: Yintoni esikhuthaza ukuba sibe ngamaKristu? Yintoni efanayo kwiimpendulo zenu? Zahlukana njani?

2. Kabini kwisahluko sokuqala (1 Pet. 1:3, 21), uPetros wathetha ngokuvuka kukaYesu. Yintoni le ingovuko ibaluleke kakhulu elukholweni lwethu?

3. UPetros wathetha nge"lifa elingenakonakala" (bona nakuDan. 7:18). Ithetha ntoni loo nto? Cinga ngazo zonke izinto kweli hlabathi nobu bomi ezidakayo okanye ezinokutshatyalaliswa ngephanyazo. Isixelela ntoni le nto ngobunjani belifa elimangalisayo esilithenjisiweyo?

4. Lungakhula njani ukholo lwethu phakathi kwezilingo? Oko kukuthi, Zinto zini esinokuzikhetha ukuze zisincede ukuba sifunde kwizinto ezisihluphayo?

Notes